


IMBAMBANO

 Lindlela zaKhe zingaphaya kokuqondwa, azinjalo? INkosi emangalisayo! Kumnandi kunjani ukuMthemba. Ndiqiniseke nje ukuba nibe nexesha elimnandi ngokuhlwanje. Ndisavula ucango phaya emzuzwini nje odlulileyo ndisiva uDade u-Gertie ecula u-*Keep Holding On, Just One More Hour*. [Bambelela iyure nje ibenye kwakho.—Trans.] Iye yandibuyisela inkumbulo ezindala zebandla lam, uhlobo elalilulo phambi kokuba ndiye emasimini omsebenzi wokuvangela. Bendijonge phaya phandle ku“Funani uThixo Kuqala” apha ngaphambili unqamleze phezu kwalo mqadi. Ndikhumbula ukuba nguSammy Davison owazoba loo nto phaya malunga neminyaka engamashumi amabini anesihlanu eyadlulayo, ngelinye icala ndiyacinga ukuba imele ukuthi, “Uyakulichithela Phina Ingunaphakade Lakho? Cinga!” Yaye kanye *apha* kwakukho u-umfazi equleni, noDaniyeli emhadini wengonyama. Owu bethu! Zinzi izinto ezenzekileyo ukusukela ngoko.

² Emva nje kwentsimbi yesihlanu ngalenzikalanga ndifumene umnxeba ongxamisekileyo osuka malunga namashumi amathathu, amane eemayile emazantsi elilizwe; wokuba kukho inkosikazi efayo, umama womhlobo wam othandekayo uGeorgie Carter. Ndisazi ke ukuba baninzi abalungiseleli apha abanokubamba ndide ndifike. U-Edith ebebambeke mpela futhi. Sathi siselapho, iNkosi uThixo yanyakaza kuloo ndawo, uDade uCarter ukude le ekufeni. Ngoko siyivuyela kakhulu loo nto.

³ Ngoku izakuba lithuba lomthendeleko kwamsinyane nje, ndiyacinga ukuba kuyakuba ngentsimbi yeshumi elinesibini ixesha abaya kuwunika ngalo. Niwulungiselele xesha nini? [UMzalwana uNeville uthi, “naxesha ninina ukusukela ngoku de kube semva kwecala leyesumi elinanye.”—Mhl.] Naxesha ninina apho si... bangaphi abaza kuthatha umthendeleko ngokuhlwanje, makhe sibone izandla zenu. Ku, Owu kuyamangalisa. Kulungile, ndifuna ukuthetha ilizwi nokuba mabini. Mhlawumbi ndizakuyibeka apha iwotshi yam, malunga neshumi okanye ishumi elinesihlanu lemizuzu sizakuqalisa umthendeleko. Ngoku, niyaMthanda? Amen. Ndiyazi ukuba nibe nexesha elimnandi, anibanga nalo?

⁴ Ke, ukuba akakho apha uMzalwana uThomas Kidd, noDade uKidd abasuka le ezantsi e-Ohio. Ndiyakholwa bebenyukile. Oo, kusalungile njalo, ndiyakholwa isekhasethini ndizakuyifumana. Uyazi, abanikezeli. Baselelwe ziintsukwana nje ezimbalwa badibanise ikhulu kodwa—kodwa yiloo nto kanye endikhuthazayo, kukubona abantu abanjalo. Ucinga, ukuba ndilixhego, ndingekazalwa nokuzalwa babeshumayela iVangeli. Naku mna ndilixhego, babe bona, ukuba abanakuphuma

balenze likhwaze livakale ilizwi labo, basuka nje bathathe isidlali-makhasethi baye kwisibhedlele nesibhedlele, kwindlu nendlu, beshumayela iVangeli. Yinto elunge gqitha leyo. Amen. Ndibavuyela kakhulu nabo bonke abathatha inxaxheba kwezinkonzo.

⁵ Ngoku, nikhumbule, siyakuyazisa ke ngoku, iNkosi ithanda, nje ukuba indlu yenkonzo igqitywe, bacingela ukuba iyakugqitywa malunga nomhla weshumi ka-Febhali; ngoba si, iNkosi ivuma, sifuna ukuthatha nje intsuku ezisibhozo okanye ishumi, okanye iiveki ezimbini kulaa *Matywina Asixhenxe* eSityhilelo. Sakukhupha amakhadi ke kwindwendwe zethu ezisuka ebumelwaneni, nabasuka apha ekhayeni, sibazise kusekho ixesha ngaphambili, ukuze ukuba banengcinga yokuza, singathanda ukuba nani apha. Mhlawumbi iNkosi ingaphinda isinike omnye umboniso wobuKho baYo njengokuba Yayenzile kwixesha eliphelileyo ngezaa *Zigaba Zisixhenxe zeBandla*.

⁶ Nikhe nifune ukuthandazela umntu, ngoba, nindikhumbule lonke ixesha, kuba ndingoyena uwuswele kakhulu. Ngoku, ndisuke ndithand'ukuba neetloni ngesiqu sam, ukuba ndithathe nje lemezuzwana ilishumi elinesihlanu apha, ndibe nentwana endiyithethayo phambi kokuba siqale, kodwa noko makhe sithobise iintloko zethu okomzuzwana.

⁷ Nkosi Yesu, Owu, idabi liyakudlula ngenye imini, kungabikho bagulayo bafuna kuthandazelwa, kungabikho naboni ukuze baguquke. Kodwa, Bawo ngelixesha lomhla useyilento uyiyo, masisebenze ngelithuba sisenako ukukhanya, ngokuba kuza ilixa xa kungekho namnye unokusebenza. Ngoku, imizuzwana nje embalwa, Nkosi, bendiya kuva kabuhlungu ukuba bendingakhange, ukuba bendiwuvale lonyaka, ndingakhange ndithethe amanye amazwana embalwa. Ndincede, Bawo, ndiyathandaza, ukuze ndithethe into eyakutyala inkuthazo ezintliziweni zabantu baKho, ukuze sithi simka apha emva komthendeleko, yaye siyaqonda ukuba emthendelekweni kukho amandla. USirayeli waqala ukuthatha umthendeleko ezantsi eYiphutha, baze bahamba iminyaka engamashumi amane entlango ngaphandle kokuba izihlangu zabo ziguge okanye iingubo zabo zichucheke. Yaye kwizigidi ezibini zabantu kungekho namnye obuthathaka kubo ukuphuma kwabo entlango. Nkosi, masikhumbule oko kusihlwanje sisasondela kuleyure inkulu. Sithandaza eGameni likaYesu. Amen.

⁸ Ukuba ndinokuthetha laamxholo bendiwubhale phantsi ndizakuwuqala ngalenjikalanga, besiya kuba siselapha ngentsimbi yesihlanu ekuseni. [UMzalwana uNeville uthi, "Kungalunga"—Mhl.] Kodwa ndifuna nje ukufunda iLizwi ku...Enkosi. Kuma-Efese, isahluko sesithandathu, ivesi yeshumi elinesibini, imizuzwana nje embalwa ngoku, siqukumbele:

Ngokuba umzamo wethu asingowokuzamana negazi nenyama; ngowokuzamana nazo izilawuli, nawo amagunya...nazo iziphathahlabathi... zobumnyama balo eliphakade nayo imikhosi yomoya abakhohlakeleyo kwezasemazulwini iindawo.

⁹ “Ukukhohlakala okukokomoya kwiindawo eziphezulu.” Ndifuna ukukhupha apho umxholo omncinci weshumi lemizuzu, okanye ishumi elinesihlanu lemizuzu, okanye umongontetho, gxebe, ndifuna ukuwubiza ngokuthi: *Imbambano*. Imbambano kukuvavanywa kwamandla. Saye si, xa sino...vavanyo lwamandla. Siye si...amaNdiya ayebeka umlilo, atsalane kukho inani elithile lamadoda *kvesi* siphelo sentambo, nenani elithile lamadoda *kvesi* siphelo, ukuze u-ukuxhuzula-kwemfazwe, ukhuphiswano lwamandla, lulitsale icala eloyiswayo licande umlilo. Ngoku siyazi ukuba kukho izinto ezininzi esinokukhe oku sikwandlale phezu kwazo okomzuzwana nje, o—okwembambano, kodwa ndifuna kulemizuzu ngokukhawuleza khendithethele kwimbambano eyeyona inkulu yakha yabakho, leyo iphakathi kweBandla noSathana. Amandla amakhulu kaSathana. Yaye sifuna ukuthetha ngamandla amakhulu kaThixo eBandleni laKhe.

¹⁰ Ngoku lembambano inkulu kudala iqhubeka iminyaka emininzi. Yaqala ezulwini, waze uSathana wakhahlelwa phantsi emhlabeni, waze waba lutshaba lwabantu bakaThixo. Yaye ukususela ngoko uwasebenzisa onke amandla akhe nobuchule bakhe ukuzama ukutsalela abantu bakaThixo ekucandeni umlilo, okanye, abafake emlilweni wakhe.

¹¹ Yaye siyazi ukuba nguBanina onamandla amakhulu, nguThixo onawo. Yaye uThixo ekubanikeni kwaKhe abantu baKhe eyona nto ingcono Anokumelana ngayo noSathana, yayiliLizwi laKhe. Ngoku, ngokuba iLizwi LinguThixo, ibe ngubani owomeleleyo kunoThixo? Ngoko ke, iLizwi nguThixo, ibe iLizwi liba ngamandla ethu. UThixo eBandleni Ubangamadla atsalela uSathana kwakowakhe umlilo awenzileyo. Utsalwano luyaqhubeka. Ngoku uYesu wathi kuMarko 16, “NgeGama laM bayakukhupha iidemoni.”

¹² Ngoku, ndiyazi ukuba liqhalo lakudala ukuba abantu... kukho isaci esidala...Asisidala oloholo, nangoko. Abantu abakholelwa kwiidemoni kulomhla. Kodwa into ekufuneka uyenzile, kolwam uluvo, kukulwazi utshaba lwakho. Ibe—yaye lwazi utshaba lwakho, uziqeqeshela imbambano oyakuba nayo wakuhlangana nalo, ngokuba uzakuhlangana nalo. Uze ulwazi, wazi, awalo, uwazi ukuba ayintonina amandla alo, uziqeqeshela loombambano wakuhlangana nalo. Kuba inye into eqinisekileyo, uzakuhlangana nalo. Ngoko ziqeqeshela imbambano.

¹³ Ngoku, ukuqeqeshela imbambano kufana nembethimanqindi. Olwayo—olwayo utshaba ezakuhlangana

nalo phaya phandle kwimbambano, ukulwa, umlwi wenene onguye udla ngokumazi amfunde umntu azakumelana naye. Ufunda izithonga zakhe, ayazi indawo alwela yona, ukuba uxhathisela ngaphambili na, wayama ngemva, ulwa ngenene na okanye ngenxele. Ukufunda konke oku. Ukuze ukuba ungumlwi onguye, umlwi olumkileyo, amfumanele omnye umlwi ongumhlobo wakhe olaleleyo oya kulwa kanye ngoluhlobo lo amelene naye alwa ngalo, kuba uyakube ezazi zonke izithonga zakhe akufika kuloo ndawo.

¹⁴ Yaye ndiyacinga ukuba yinto elungileyo leyo kuMkristu ukuba ayenze. Ngoku ke. Ukuba ufuna ukuqalisa ukuziqeqesha qala ngoYohane 3:16, Indawo Yokuqala. Qala kanye ngaloo ndawo, yona iyakukufaka emgangathweni. Ukuze ke uqalise ukuziqeqesha izi-izithonga eziqukulayo, ngokuba kuyakufuneka uzisebenzise. Wonke umntu uyayazi loo nto. Kufuneka uqeqeshwe ukuze ulubethe utshaba lwakho. Yaye qho, uThixo usebenzisa iLizwi laKhe. Kufuneka sikhumbule ukuba uThixo usebenzisa iLizwi laKhe ukoyisa utshaba lwaKhe. Ukuba uThixo wayenokucinga okanye enokunika abantu baKhe nantoni na engcono yokoyisa utshaba, ngeWenza njalo. Ngoko njengokuba bendihlala ndisithi, “Xa uThixo enza isigqibo, sesona singcono sakha sakhona. Akuye kufuneka azitshintshe izigqibo zaKhe.” Ngoko isigqibo sokuqala uThixo awasinika abantu baKhe eMeyzweni wase-Edeni, ukuba bamelane notshaba ngaso, yayiliLizwi laKhe. Babenqatysiswe ngeLizwi laKhe.

¹⁵ Ngoku ke utshaba luzakufunda . . . eyethu indlela neLizwi. Ibe, ngoku, uSathana wakufunda konke oko ngokugqibeleleyo wade, wakufika ku-Eva, wayenoku-nendlela engcono awayenokuyisebenzisa phezu kwakhe, oko ke yayikukucingela iLizwi. Ngoku, sukufuna ukulicingela iLizwi likaThixo. Likholelwe nje kuphela. Musa ukuzama ukulicacisa. Sukuzama ukuLiqlikelela. Ngoku, awunakho ukumqikelela uThixo, ngoku uThixo UliLizwi, ibe Lenzelwe nje ukuba siLikholelwe. Yaye LingaMandla ethu, yamkela nje iLizwi. Yaye nabanina uyazi ukuba imbewu ekuhlobo olulungileyo lomhlaba iyakuvelisa okohlobo lwayo. Ke thina sithatha nje iLizwi.

¹⁶ Ke, ngoku, u-Eva waqala wema ukuba acingele, xa wa . . . wamcaphulela iLizwi, “UThixo uthe, ‘Nize ningadli kuwo, kuba mhla nithe nadla kuwo’ ngaloomini niyakufa.”

¹⁷ USathana akazange angavumelani naye. Wathi, “Ngokuqisekileyo, injalo loo nto.” Kodwa wathi, “Uyabona niswele nje ukuKhanya okutsha.” Into eyahluke nje kancinci kule ithethwe nguThixo. “Ukuba nithe nayenza nakuba ngcono kunoku ngolwazi. Amehlo enu ayakuvuleka.”

U-Eva ke yena wathi, “Kee, uThixo uthe siyakufa.”

¹⁸ “Wathi, Oo, ngokuqinisekileyo...” Yabona, uyeza, loontwana nje, “Ngokuqinisekileyo anisayi kufa.” Kodwa uThixo uthe niyakufa, ayidali mbambano loonto! Oku ke—oku kwaqalisa imfazwe yokutsalana ngoko, kwatsalela uluntu lonke ekufeni, ngokuba u-Eva wamamela ukucingela malunga neLizwi likaThixo. Ngoku, lihlazo into yokuba wayenzayo loonto, kodwa seyidlule. Kodwa ke ngoku sisanqatyisiwe, oloqhakamshelwano lwenziwa ngoKristu uYesu. Siyayazi loonto. UThixo wasinika ukhuselo lwethu, olulula nje ukuthemba iLizwi laKhe.

¹⁹ Uyazi, abaninzi namhlanje bathi akukho nto injengoSathana apha. Bayayikholwa loo nto yingcinga nje elula. Bayayikholelwa. Kukho nabantu abakholelwa ukuba—ukuba—ukuba uMoya Oyingcwele yingcinga elungileyo, nokuba uSathana yingcinga embi. Kodwa ukuba uyaqaphela, xa iBhayibhile ithetha ngoMoya Oyingcwele, Wathi “Xa athe Yena uMoya Oyingcwele wafika.” U-“Yena” sisimelabizo somntu. Yabona? Ngoko, Yena, uYena nguMntu. Yaye uSathana ngumntu. Needemoni ngabantu. Ewe yimimoya engcolileyo, yaye zi—ziza ngeendle ezininzi. Kodwa bacinga ukuba yimbono nje ephelelwe lixesha leyo.

²⁰ Kukho indoda ebixambulisa nam apha kwivekana ezimbalwa eziphelileyo. Yathi, “Uyayazi into oyenzayo? Wenze nje ukuba ingqondo zabaa bantu zibe nento eziyicingayo ngokuya ububaxelela ngalaanto. Kukutshintsha nje ingcinga.”

²¹ Ndahlangana kanye naloonto e-Indiya ngelinye ixesha, ngexesha laamadoda angcwele phaya sasine, ndiyakholwa sesona sihlwele sikhulu ndakha ndathetha naso, kubaphulaphuli abanye abemiyo, abamalunga nesiqingatha sesigidi sabantu, ndaze ndasibamba ngocalulo kuMoya. Baze banokumbona uMoya Oyingcwele ebiza abantu, ehabiza, baphume phakathi kwezihlwele, achaze izintoyinto, abe nokubamba iingcinga zabo. AmaRajah namadoda angcwele, athi, “Ufunda ingqondo yabo.”

²² Kwaze kwimizuzwana nje, kwadlula malunga nesihlanu okanye isithandathu kumgca wokuthandazela, kwathi gqi indoda eyimfama. Yaye yayiyimfama nje kwaphela, amehlo ayo ayemhlophe njengehempe yam. Ndaze ndathi, “Ngoku nantsi indoda eyimfama, nabanina unokuyibona ukuba yimfama.” Ndaze ndathi, “Ukuba bendinokuyinceda ngendisenza njalo, kodwa inye indlela ebindinokwenza ngayo bekuyakuba ngesipho, mhlawumbi ndithethe into ethile eyenzileyo, loo nto imnike ingcinga yokuba ukuba uThixo wazi into endiyenzileyo, Uyayazi ngokuqinisekileyo into azakuyenza.” Ngoko ndathi, “Ngoku, mjongeni,” Ndathi, “Ngoku, ungunnquli welanga. Uneminyaka ingamashumi mabini eyimfama.” Yaze yakuyithetha loonto itoliki, yayinjalo. Ndathi, “Uyindoda etshatileyo. I...inkosikazi yakhe ibuncinanana, kwaye unoonyana ababini, omnye ukwisithuba seminyaka esixhenxe,

omnye ilithoba.” Yayinjalo kanye loo nto. Ndabiza amagama abo ukuba babengobanina.

²³ Kwaze phayaa kubaphulaphuli, kulaandawo yayinabantu, kwangena khona laamaza, “Yingqondo, yinto ethile ekuhlobo lo—lokufunda ngobulumko iingqondo zabo.”

²⁴ Ndaze ndacinga, “Nkosi ukuba unokundinceda nje. Ndi—ndiluswele uncedo lwaKho Nkosi. Aba bantu bazama ukucalula oku ngokungathi lufundo lwengqondo. Ibe ingelulo, yaye Wena uyakwazi, Nkosi.” Phofu, ndandibanikile iSibhalo apho athi uYesu wayengenzi nto de abe uYise uMbonisile. Ndaze, ndajika ukuba ndijonge kuloondoda kwakhona, ndayibona apha phezulu embonweni, amehlo ayo elunge njengala ndinawo. Ndacinga, “Lixesha ngoku.”

²⁵ Ndathi, “Le ndoda ngumnquli welanga, ngoku, waze watyhaphaka.” Ndaze ndathi, “Ngoku, u... Nabaya abapriste bamaMohamed, nabaya nabapriste bamaShiite, amaJain, nendidi ezahlukeneyo zeenkolo, amaBuddha. Ngoku le ndoda ifuna ukwamkela ukubona kwayo. Ngoku ke, ninokuthi u—unqule indalo endaweni yoMdali. Ndiyakholwa koko nam. Kodwa naku sihleli ngokuhlwanje.” Ndathi, “Yaye besi... namhlanje bendisamkelwa kwitempile yamaJain apho ishumi elinesxhenxe leenkolo beliyokundibuzabuza, zonke zimchasile uKristu, ngazinye!” Ndaze ndathi, “Ngoku, abaninzi kuni madoda ebephaya. Ngoku, ukuba uKristu akalunganga, le ndoda ifuna ukulunga, ibe ngokuqinisekileyo uThixo wendalo oWenza ihlabathi iyakuba nguYe Yedwa Onokuyinika ukubona kwayo. Yinto ephathekayo leyo.” Ndaphinda ndathi, “Ngoku ukuba nabanina kuni bantu, amaMohamed apha yeyona nkolo iphambili, ukuba umpriste wamaMohamed angeza ayinike ukubona kwayo, ngoku ndiyakulandela uMohamed, okanye ukuba umpriste wamaBuddha angeza ayinike ukubona. Kodwa makhe uThixo Owayenzayo, uThixo—uThixo wontu othile kwindawo ethile, kuba ufanele ukuba abekho, asinakuba nandalo ingenaMdali. Yaye iyakuba nguMdali Onokudala ukubona kulamehlo. Unemimyaka engamashumi amabini etyhaphakile kukujonga ilanga, ecinga ukuba xa esenza njalo uyakuya eZulwini. Lendoda ikwenze ngokungazi oko.” Ndathi, “Beniya kwenza njani nina bapriste bamaBuddha? Beniya kutshintsha nje indlela yakhe yokucinga. Beniyakuthi akakho ndleleni.” Banqula izinyanya zabo ezafayo. Ndaze ndathi, “Ngoku, beniyakucinga ukuba kunjalo, beniyakuthi ebengekho ndleleni, kodwa beniya kwenza ntoni? Beniya kutshintsha nje indlela yakhe yokucinga.” Ndabe ndathi, “Ebeza kwenza ntoni umMohamed? Kukutshintsha nje uhlobo acinga ngalo. AmaShiite, amaJain, nezinye, batshintsha nje iingcinga zabantu.”

²⁶ Ndathi, “Sikwanaloo nto eMelika (U.S.A.). AmaWesile afuna ukwenza onke amaBhaptizi abe ngamaWesile,

amaBandla akwaMoya [amaPentekoste—Mguq.] afuna ukwenza onke amaWesile abe ngawakwaMoya. Kukuguqula nje ingcinga. Kodwa asiyiyo lento sithetha ngayo leyo. Sithetha ngoThixo uMdali.” Ndathi, “Ngokuqinisekileyo uMdali Unokuthetha.” Ngoku, ngendingazange nditsho ukuba laambono wawungazange ubekhona, nakanjanina. Ngoku ndathi, “Ngoku, ukuba Lowo, masimenze uThixo, oyakuthi eze amnike ukubona.” Ndathi, “Ngoku ndimema nawuphina umpriste wamaRajah, okanye lamadoda angcwele okanye nokuba yintoni na, ize imnike ukubona kwakhe, ndaye ndiyakulandela ubungcali benu, nizenzele umrhamente njalo.” Yaba lelona qela labantu lakha lathula endakha ndalibona. Yabona? Akukho mntu wakwenzayo.

²⁷ Ndaphinda ndathi, “Yintoni le niyithulele kangaka?” Ndathi, “Isizathu sokuba nibe njalo, kungokuba aninakukwenza oku, ndibe nam ndingenakho. Kodwa uThixo weZulu Owamvusayo uNyana waKhe uYesu Kristu, esingabakhonzi baKhe thina, undibonise umbono ngoku wokuba le ndoda izakwamkela ukubona kwayo.” Uyabona? Ndathi, “Ngoku, ukuba akwenzekanga ngolohlobo, ngako ningandigxotha ndiphume e-Indiya. Kodwa ukuba kwenzekile, nonke ngabanye nimtyala ubomi benu uYesu Kristu. Ndithanda ukuba khendinibuze, bangaphi apha abayakunikela ubomi babo kuKristu ukuba lendoda iyimfama ikufumene ukubona kwayo? Niyababona abapriste benu, akukho uzayo. Kutheni bengezi nje ukuba banixelele ukuba inkolo yabo inkulu kangaka, yeyona inkulu? Kutheni kungekho mntu uzayo nje abenento yokuthetha?” Akwabakho mntu uzayo. Ndathi, “Ngoko ke nina bantu apho, ukuba niyayibona le ndoda iyimfama ime apha . . .”

²⁸ Kwaze kwenyuka ugqirha ngoko waxilonga amehlo ayo. Wanikina intloko yakhe wathi, “Iyimfama.”

²⁹ Ndaze ndathi, “Ngokuqinisekileyo, iyimfama.” Kodwa ndathi, “Ukuba—ukuba uThixo umnika ukubona kwakhe, bangaphi kuni abaya kumkhonza uYesu Kristu?” Ndajonga ndaphelelwa ngamehlo, iilwandle zezandla ezimnyama. Ndaguqukela kule ndoda, ndathi, “Nkosi Yesu, makwazeke ukuba unguThixo.” Laa ndoda yandibamba entanyeni, nosibonda wedolophu yaseBombay [i-meyor—Mguq.] ehleli apho, yambamba entanyeni, ibona kakuhle njengaye nabanina.

³⁰ Yintoni na? Yi—ngamandla okwenyani! UThixo nguThixo, noSathana nguSathana! Ukuba awukholelwa ukuba kukho uMtyholi . . . Ngexesha endaqala ngalo, nda—ndanditshayiseka kuye yonke lemihla. Ungandixeleli ukuba akukho Sathana ke, ngokuba ndazi ngcono. Kufuneka ndilwe naye yonke lemihla. Ngoko ke ndiyazi ukuba—ukuba ukho uMtyholi. Yaye kufuneka uqeqeshiwe xa uzakuhlangana naye. Hayi ukuqeqeshwa ngokwazi ingqondo [i-psychology—Mguq.], hayi ukuqeqeshwa ngemfundo, kodwa ukuqeqeshwa nguMoya

Oyingcwele. Amandla kaThixo aseLizwini laKhe ukuba alenze libonakaliswe. Lwazi utshaba lwakho. Owu, luyinto ekhohlakele kangakanani!

³¹ Ndlela le ndifuna ukukhe ndime ngayo apha ndigxininise kuloondawo, ndiphindele eBhayibhileni yonke ndinibonise amadoda phaya emva awahlangana naye ubuso ngobuso. Kwaze ekubambaneni nolutshaba, bazinqabisa ngeLizwi likaThixo. UNowa yamehlela loonto, yaye wayesazi ke ukuba uThixo wamxelela ukuba izakuna imvula. Yaqala ke imbambano phakathi kwenzululwazi neLizwi likaThixo: Inzululwazi yathi-“Ayinakwenzeka.” UThixo wathi, “Izakwenzeka.” Amen.

³² Loonto inye isekhona nanamhlanje. Izakwenzeka! Iyenzeka! Zikho iidemoni! Kodwa uYesu wazikhupha waza wanika iBandla laKhe igunya lokwenza njalo, “Bakhuphe iidemoni ngeGama lam!” Wakhupha iidemoni zasixhenxe ngenye imini kumfazi owayemhle. Waze wathi, “Xa umoya ongolileyo uphuma emntwini, uzulazula kwiindawo ezomileyo, wakubuya uza nezinye iidemoni ezisixhenxe.” Ngoku loonto iya ekuboniseni ukuba lomntu ucocwe kwiidemoni, kukho into ebingaphakathi kwakhe ephumileyo. Idemoni iphumile! Ngoku, ngexesha umoya ongolileyo ufuduka...uThixo...unika uThixo ithuba lokungena. Ngoko, xa uthe waphuma, makungene uMoya Oyingcwele. Musa ukuyiphelisa nje kuloondawo. Ukuba uguquka nje ezonweni zakho uqhubeke, uyakusuka ubembi kunangaphambili. Kodwa kufuneka ukuba laa ndawo ibikade ihlala uSathana eyizalisile, uyizalise ngoMoya Oyingcwele kaThixo, ngoko ke uyakuba nawo amandla eLizwi likaThixo elikuwe, abonakaliswe, ukhuphe iidemoni. Imbambano iyaqhubeka. IZikhanyiso zangokuhlwa ziyakhanya. UMoya Oyingcwele kaThixo Ukho.

³³ Ngoku ke kumalunga—kumalunga nemizuzu emithathu phambi kokuba kubethe ixesha lokuba sive amakhwelo ekhaliswa, ngoko iyakuba izinzulu zobusuku. Ngoko ke xa sisishiya esi sakhawo, sisiya kwindawo zethu ezahlukeneyo namakhaya ethu, sisiya kudibana phandle, sisiya kuhlanguana nehlabathi, masingahambi njengoko besenzile kumaxesha angaphambili. Masihambe emandleni ovuko lwaKhe. Masihambe eGameni likaYesu Kristu, siyiphakamisele phezulu imbasa, yaye ngokukholwa eLizwini laKhe, ukuliphatha iKrele elintlangothi-mbini, nekhaka naso sonke isikrweqe sikaThixo, ukuya kuhlanguabeza utshaba, ngokuba luya luqina lusiba namandla ngakumbi yonke lemhla. Njengokuba—njengoko utshaba lungena njengesikhukula, uMoya kaThixo unyusa umgangatho wokuchasana nalo. Ukuba sifikelele esiphelweni sezi zinto si...neemfihlelo zikaThixo ziphelelisiwe ngathi, sisakhangelana amandla athe chatha, amandla oxwilo, ukuhlangabezana...namandla athe chatha, ayakuxwila iBandla alise ebuBuqaqawulini. Kunyanzelekile ukuba

sibe nawo. Masihlangane no'63 sifuna undikho, njenga, njengabakhonzi boThixo ophilileyo! Njengo-Shedreki, uMisheki no-Abhedinigo bakudala, asisayikuqubuda kwiidemoni zelihlabathi siyibuyise umva lento besithetha ngayo, kodwa phakathi, edabini.

³⁴ Ndiziva ngokuhlwanje siseva lamakhwelo, ndinendawana efuna ukufana noDavide ngobaa busuku boyikekayo bushushu engqengqe phantsi kwamatyholo amaqunube, utshaba luvetheinja. Inokuba yayiyiyure enzima kuDavide! Yayilixesha elinjani kuye engqengqe apho. Wayengazi ukuba angashukuma athini, ahambe ngantoni kuba wayesazi ukuba akabalelwa ntweni. Kodwa kwasuka ngequbuliso, weva kwanga sisandi soMoya sihamba phezulu esiphelweni semithi. Wazi ukuba uThixo uhambe phambi kwakhe, waya edabini. Ndiziva ndiyinto efuna ukuba lolohlobo ngokuhlwanje, emva kwalaa myalezo waphezolo, ndingqengqe kwiyure eyeyona imnyama ndakha ndajongana nayo ebomini bam. Ndiziva ndinjengo Isaya etempileni emva kokubona ezaa ngelosi, ndiyindoda emlomo uyingqambi, ndihleli phakathi kwabantu abamilomo iyingqambi. Kodwa-phulaphula, ndi—ndi—ndifanele ukuhlangabezana nayo ngandlela ithile, yaye inye into, ndilinde ukuva ukushukuma kwalaa mithi yamaqunube, ndize ndiyokuhlangabeza utshaba nokuba luphi na. UThixo makasincede senze loo nto.

³⁵ Ngoku ndiyacinga ngumzuzu mnye kubethe intsimbi yeshumi elinesibini entloko. Abe u-'62 nako konke okwakhe udlule, masimyeke abe udlule.

³⁶ Masime ngeenyawo ngoku, sonke ngabanye. Imbambano iyaqhubeka, ikuni noke ngabanye. UPawulosi wathi, "Sizilibala izinto esezadlulayo," zonke iziphoso zethu zonyaka ophilileyo, "Ndixunela kumvuzo wobizo lwaphezulu." Zonke iziphoso zam endizenze kuyo yonke leminyaka, ndixoleleni ngazo. Thixo, ndixolele. Bandla, ndixoleleni. Nolungiselelo endi—ndisilele ngalo, ndiziva njalo; Thixo, ndixolele ngaloo nto. Bandla, ndixoleleni ngeziphoso zam. Ndaye ndiyakuxunela kubizo lwaphezulu kuKristu uYesu. Nokuba yintoni na ephethwe lingomso, andiyazi, kodwa ndiyamazi Ophethe u-1963.

³⁷ Masiphakamisele izandla zethu kuThixo ngoku, masithandaze elowo ngendlela yakhe, sisenza isivumo, simcela uThixo asikhaphele kulonyaka wonke ulandelayo uzayo.

³⁸ Bawo waseZulwini, njengokuba sime apha, njengokuba iingcinga ezininzi zinyamalala ezintliziyweni zethu, nezeziphazamo zonyaka ophilileyo, nanjengokuba sisondela ekufeni kuka'62 nokuzalwa kuka'63, owu Thixo, sanga singanenyathelo elinye esinyuke ngalo elelini, side sibone uYesu nocwangciso-nkqubo lwaKhe. Kwanga wonke umntu olapha, Nkosi, emthandazweni, ngelixesha ufayo unyaka omdala, kusiza ukuzalwa okutsha konyaka omtsha, sanga isono somntu omdala

sokungakholwa singafa siphela entliziyweni yethu, kuzalwe okutsha okuza no'63, njengoMoya ovuthuza ngamandla ukuze ubuzalise ubuntu bethu usenze izidalwa ezitsha kuKristu.

³⁹ Senze izicaka ezifanelekileyo. Xolela okudlulileyo kwethu. Sikelela ikamva lethu. Sikhokele, owu Nkosi Thixo, ngesandla saKho esinamandla, Yehova. Sikelela aba befundisi balapha. Sikelela wonke umkhonzi nje, neendwendwe zonke. MaWube nathi, Nkosi. Sizizicaka zaKho yaye sinikela uqobo lwethu ngokupheleleyo kuWe sizinikelela u1963, ukuze amandla oMoya waKho abe yinto yokuqala ebomini bethu, nakubantu bethu. Sincede, Thixo. Sixolele usincede siyathandaza. Velisa amadoda amagorha! Velisa amagorha omeleleyo oKholo! Wuvule lonyaka, Nkosi, laa Mana ifihliweyo, elaa Litye liphantsi kwelitye, ukuze sibone inkqubo kaThixo. Zithi jize iingqumba (ii-pyramid) zobomi bethu, Nkosi, beka iLitye leNtloko, uKristu uYesu, phezu kwethu sonke ngabanye. Yanga intsikelelo yaKhe ezukileyo, engcwele ingaphezu kwethu sonke. Wanga umlilo kaMoya Oyingcwele Ungeza phezu kwethu. Anga amandla aKho ovoko angabonakaliswa. Thixo, indlela esiKubulela ngayo, ngokuhlwanje. SingabaKho. Sizinikela ngokupheleleyo kuWe, Nkosi.

⁴⁰ Ndisaya phaya, ndingazi ukuba ndawoni kanjani, okanye ndiyakwenza ntoni, ndithembe Wena, Thixo Onamandla Onke, ukuba uyakundikhokela, mna sicaka saKho esingenamsebenzi, ukuze ndisetyenziselwe ukuhlonelwa noZuko Lonamandla Onke. Ndinike, Bawo.

⁴¹ Yamkela imithandazo yethu. Sikelela imizamo yethu. Philisa abagulayo nabaphathekileyo, kokubini emoyeni nasenyameni. Usenze izicaka zaKho. Siludongwe, Wena unguMbumbi. Sixonxe, ngabanye, ngendlela eyeYakho, ukuze sinxibelelane noKristu uYesu, njengelungu lomzimba waKhe. Kuba sikucela oku ngeGama likaYesu, nangenxa yaKhe nangenxa yeVangeli. Amen Amen kwakho.

⁴² [Kukho uMzalwana othetha ngalwimi lumbi. Omnye uyacacisa—Mhl.] Enkosi, Bawo, Thixo. Siyakubulela ngoluvuselelo loNyaka Omtsha elisikhupha sinamathemba amatsha nentuthuzelo yokwazi ukuba ngokuthetha lamazwi kulaa madoda abengazi, ukuba loMyalezo uyinyaniso, yaye Usicela ukuba sime ngakuWo. Siyakwenza konke esaziyo ukuba singathinina, Nkosi, ukuma ngakuWe neLizwi laKho.

⁴³ Samkele eGameni laLowo wasifundisa ukuba sithandaze sonke senjenje, [UMzalwana uBranham uthandaza kunye neBandla—Mhl.] “Bawo wethu waseZulwini, maliphathwe ngobungcwele igama laKho iGama laKho. UBukumkani bakho mabufike. Intando yakho mayenziwe emhlabeni, njengokuba isenziwa emaZulwini. Siphe namhlanje isonka sethu semihla ngemihla. Usixolele izono zethu, njengokuba nathi sibaxolela

abo basonayo thina. Ungasingenisi ekuhendweni, usisindise enkohlakalweni; ngokuba uBukumkani bobakho, namandla, nozuko, ngonaphakade Amen.”

⁴⁴ UThixo anisikelele anigcine. Kodwa kwabo kufanele ukuba bagoduke ngoku. . . Ngoku yimizuzu mihlanu emva, yimizuzu mihlanu phakathi ku’63. Ngoku wanga uThixo anganisikelela. Nize—nina nifuna ukulinda umthendeleko, namkelekile ukuba nihlale, singavuya ukuba sibe nani. Asingomthendeleko uvaliweyo, ngowalo lonke ikholwa elinobudlelane noKristu. Namkelekile ukuba nihlale nithathe umthendeleko kunye nathi. Isizathu esibangela ukuba senze oku kungokuba yinto yokuqala, isiqalo sohambo. USirayeli, phambi kokuba baqale uhambo lwabo, baxhela ixhwane batya nemithana ekrakra, baqalisa uhambo lwabo. Yaye ndicinge ukuba, “Kufaneleke mpela oku ngokuhlwanje!” Imvana ixheliwe, seYilungisiwe, isidlo, yaye kusezinzulwini zobusuku. Lixesha abebelitya ngalo, ezinzulwini zobusuku. Ngoko makhe si. Nina nifuna ukushiyeka nathi nilungiselele uhambo oluya kuza, olusilindeleyo, siyakuvuya ukuba nani. UThixo anisikelele.

⁴⁵ Nani nigodukayo, ningaya emakhaya noThixo anisikelele de sibuye sihlangane kwakhona. Amen. Abanye ke bangahlala sizokuqalisa umthendeleko. Udade uza. . . Kulungile, Mhlekezi.

De sibuye sihlangane! de sibuye sihlangane!
Ezinyaweni zikaYesu; (de sibuye sihlangane)
De sibuye sihlangane! de sibuye sihlangane!
UThixo abe nani de (sibuye) sihlangane!

⁴⁶ Masilicule kwakhona sisalindile, uyazi, silinde abo baphumayo. Kungangazola, ngoku ke yinto exabiseke kakhulu le. Ndizakufunda into apha eSibhalweni nje kulomzuzwana ulunge, kakhulu kakhulu. Masilicule kwakhona ke ngoku.

De sibuye sihlangane! (Masixhawulene nje isandla nomnye)
(Ukuba kukho into engalunganga ebomini bakho, abe elapha loo mntu umonileyo, yiya kuye ngoku uyilungise.)
De sibuye sihlangane! sihlangane!
UThixo. . . (Umdlali-piyano anganceda eze kwipiyano?) nani de sihlangane!

De sibuye sihlangane! De sibuye sihlangane!
Ezinyaweni zikaYesu;
De sibuye sihlangane! De sibuye sihlangane!
UThixo abe nani de sihlangane!

UKukhathalele,
UKukhathalele,
Ekukhanyen’ethunzini,
UKukhathalele.

⁴⁷ Masilicule kwakhona.

UKukhathalele,
 UKukhathalele,
 Ekukhanyen'ethunzini,
 UKukhathalele.

48 Alimnandanga? Masilicule kubekanye kwakho logama besazola.

U . . . (ucimelise nje amehlo akho) . . . lele,
 UKukhathalele,
 Ekhakhanyen'ethunzini,
 UKukhathalele.

49 Bawo waseZulwini, sivuya kakhulu ukuba sikufumanise kuyinyaniso oko, kwiiyure zethu eziziintsunguzi nokuba kusekukhanyeni kwelanga, Akasishiyi Engalibali. Siyavuya kuba—kuba sina, amathemba ethu akakhelwanga ntweni ingelilo iGazi likaYesu elinobulungisa. Sithembele, Nkosi, ingekuko kudumo lwelihlabathi. Sithembile! Asinakho ukuthemba nobona bumnandi benziweyo, kodwa sayame ngokupheleleyo eGameni likaYesu. SiKubulela ngeyona ndlela, Bawo.

50 Ngoku ke sesizakuthatha kwenye ye—yezinto ezimbalwa kakhulu ezinokuphatheka Owasishiyela zona. Enye yazo yayilubhaptizo, enye ngumthendeleko, ukuze elandelayo ibe kukuhlanjwa kweenyawo. Owu, Thixo singena ngentlonipho, sisazi ukuba elixhwane yiNyama yeMvana yepasika. U—Uhambo olukhulu lwentlango luphambi kwabantwana. Igazi kuqala kufuneka libesemgubasini phambi kokuba inyama yepasika ityiwe.

51 Thixo xilonga iintliziyo zethu, ngoku. Ingaba likhona na iGazi, Nkosi? Ukuba alikho, siyathandaza ukuba—ukuba Uliqabe khona ngoku, uzisuse izono zethu uzigubungele, ukuze zaliwe kuthi, Nkosi, izono zelihlabathi, ukuze sibe ngcwele sifanelekile, kuBawo wethu xa ngoku siza kuthatha uMzimba neGazi leMvana yethu, uNyana kaThixo, uMsindisi wethu. Gocagoca iintliziyo zethu sisafunda, Bawo, ukuze usenze sibe ngabangabaKho. Ngokuba sicela ngeGama leMvana, uYesu Kristu. Amen.

52 Enwadini yabaseKorinte, isahluko seshumi elinanye, ndinqwenela ukufunda iivesi ezimbalwa, ukuqala kwivesi yamashumi amabini anesithathu ndifunda oku. NguPawulosi othethayo ethetha neBandla labaseKorinte.

Kuba mna ndakwamkela kuyo iNkosi oko ndikunikelayo nokunikela kuni: okokuba iNkosi uYesu, . . . ngobusuku eyanikelwa ngabo, yathabatha isonka;

yaza yakuba ibulele, yasiqhekeza, yathi, Thabathani nidle, ngumzimba wam lo, owaphulelwa nina; oku kwenzeleni ukundikhumbula.

Kwangokunjalo yathabatha nayo indebe emva kokuba kudliwe, emva kokuba kudliwe... (uxolo, mandiyiphinde).

Kwangokunjalo yathabatha nayo indebe, emva kokuba kudliwe yathi, Le yindebe yomnqophiso omtsha osegazini lam: Oku kwenzeleni ukundikhumbula, ngamaxsha onke enisukuba niyisela, oku kwenzeleni ukundikhumbula.

Kuba ngamaxsha onke enisukuba nisidla eso sonka, niyisela loo ndebe, niyakwazisa ukufa kweNkosi, ide ifike.

Ngoko ke osukuba esidla eso sonka, ayisele indebe yeNkosi, ngokungafanelekileyo, woba netyala lomzimba negazi leNkosi.

Makazicalule ke ngokwakhe umntu, aze ngokunjalo adle kwisonka eso, asele kwindebe leyo;

kuba lowo udlayo, uselayo, ngokungafanelekileyo, uzidlela aziselele ukugwetywa, engawucaluli nje umzimba weNkosi.

Ngenxa yoku baninzi phakathi kwenu abaswele amandla, nabayimilwelwe, banele nabalele ukufa.

Kuba xa besizicalula, ngesiba asigwetywa.

Sigwetywa nje ke, siyaqeqeshwa yiNkosi, ukuze singasingelwa phantsi ndawonye nehlabathi.

Ngoko ke bazalwana bam xa nihlangene ndawonye ukuba nidle, lindanani.

Ukuba ke ubani ulambile makadle ekhaya, ukuze ningahlanganeli ukugwetywa. Eziseleyo ke iindawo ndozilungisa, xa ndithe ndafika.

⁵³ Ndisacinga ngalento elona xesha lihlonipheke kakhulu! Kubhaliwe kananjalo ukuba mhla waqalwa ukunikwa umthendeleko, nokuhlanjwa kweenyawo... esizakunyanzeleka ukuba sikuqakathe ngokuhlwanje ngenxa yokuba singena manzi. Amanzi onke asanqunyanyisiwe, besingenazo nezinto zegumbi lophumla ezi ngokuhlwanje, ngokuba kuye kwanyanzeleka ukuba bazidibanise kwakhona kangango banokuba nakho, ukuze sibe nokuba nalenkonzo ngokuhlwanje. Kodwa siyakwenza njengokuba benzayo, bathi, ndiyacinga nguLuka oyithe thupha, ukuba, "Bavuma elokudumisa baphuma." Kodwa uyayazi ukuba imele ntoni loo nto? Uyayazi into yokuba ekuqaleni ukuqala kokwenziwa kwalento kwaSirayeli, ezantsi eYiphutha babesendleleni yabo eya ezweni labo ledinga. Siziva kanye sinjalo ngokuhlwanje, ukuba sendleleni eya eZweni leDinga. Yaye uhambo lusilindele.

⁵⁴ Babenomnqophiso, ukuba xa kudlula isithunywa sokufa, kwakufuneka libekho igazi elucangweni, kungenjalo unyana omkhulu okanye umntwana omdala ebefisa kwelokhaya. Injongo yile, eyona ntsingiselo, kukuqala uqabe igazi. Uyiqaphele indlela uPawulosi ayibaka ngayo? “Ukuba ubani udla ngokungafanelekanga, udla eziselela umgwebo, engawucaluli nje umzimba weNkosi,” ethetha kwa into enye, ukufa, ukufa komoya, kuxhomekeke emntwini oza kudla isidlo seNkosi ngokuhlwanje engafanelekanga. Obephaya phandle, esela eqhubeka, ephila njengehlabathi, abuye eze esithebeni seNkosi. Akufanelanga siyenze loo nto. Ngoku masizicoce iintliziyo zethu sizicoce izandla zethu koku... neengqondo zethu kwiingcinga ezimbi ukuze size etafileni yeNkosi ngentlonipho nangobungwele, sisazi nje ukuba sizihlanganisa neDini lethu, uKristu uYesu, Okuphela kosindiso lwethu.

⁵⁵ Ngoku ke, ngokuhlwanje, indlela esiqhuba ngayo, enye yamadoda amakhulu iphakame, Mzalwan’uZabel. Yaye ndiyacinga Mzalwan’Zabel, kunjani ukuba ubizela apha eqongeni kuqala, ukuze aba bantu beze ngaseqongeni wenze umgca wakho wokuqala apha, ukuba unakho. Ngoku, uMzalwana uZabel uzakunikhokela, kwimizuzwana nje, emva kokuba sisisikelele isidlo.

⁵⁶ Esi sonka se-kosher [sisiso—Mguq.], senziwe nguMkristu, sisonka esingenagwele. Ukuba uyasiqaphela, xa usifaka emlonyeni, sintlakantlaka kakhulu ngathi sikrakra. Sishwabene saphukile, siphithene oko kuthetha umzimba owaphukileyo, ophitheneyo weNkosi uYesu. Owu ndakucinga nje ngawo, intliziyo yam ibangathi inendawana yokuma! Ndakucinga ukuba waphithaniswa watyunyuzwa wabethwa, uNyana kaThixo ongenatyala! Uyazi ukuba Wayenzela ntoni loo nto? Ngokuba ndandinyala. Waza waba ndim mna moni, ukuze ngeDini laKhe mna ndifaniswe naYe, unyana kaThixo. IDini elimangalisayo.

⁵⁷ Masithobise iintloko zethu. Thixo Ongcwele kakhulu, ndisabambe esisityana sentsimbi ngokuhlwanje, esi sonka simele umzimba owaphuliweyo waphithikezwa, watyunyuzwa wabethwa weNkosi yethu, apho laa mprofethi wakhwazayo, “Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu, watyunyuzwa ngenxa yezendo zethu ezigwenxa, ubetho lokuba sibe noxolo thina, lwaba phezu kwakhe, saze saphiliswa ngemivumbo yakhe.” Owu siyayikhumbula loo nto, Nkosi! Njengokuba ndiziqamangela kulooMnikelo ngokuhlwanje, naba baphulaphuli, Nkosi, singasingakhumbula iNkosi yethu, ukufa kwaYo nokutyatyulwa kwaYo nayo yonke into aWangena kuyo ngenxa yethu, sisasifaka emlonyeni wethu esi sonka. Thixo singabantu abangafanelekanga. Asiyilingananga into engcwele oluhlobo, ngoko ubungcwele baKho Nkosi uBukho baKho neGazi lakho,

malicoce iintliziyo zethu. Singa singagqiba ezingqodweni zethu ukumkhonza imini nobusuku, yonke imihla yobomi bethu. Ngcwalisa esi sonka noko sijoliswe kuko. Sicela ngeGama likaYesu. Amen.

⁵⁸ Njengokuba ndibambe ngesandla sam kumashumi amathathu... malunga namashumi amathathu eminyaka yenkonzo yokukhonza iNkosi yam, yaye ndi—ndinentloni ngesiqu sam. Kodwa ndiyacinga ukuba bekunokwenzeka ntoni ukuba bendinamathontsi amabini eGazi lokwenene laKhe ezandleni zam ngokuhlwanje? Bendinokwenzani ngalo? Kodwa, uyazi, bendiphethe esandleni sam ngokuhlwanje phambi kwaKhe, okukhulu kunoko, kokuthengwe ngeGazi laKhe, iBanda laKhe. Ngoko xa ndibamba oku incidi yediliya ndiyayinga loo nto. Wathi, “Andisayikuphinda ndisele kwisiqhamo somdiliya de ndiyokusisela nani sisitsha eBukumkanini bukaBawo.” Qaphela ke ngoko emva kokuba imfazwe yesono idlule, into yokuqala nje ukuthi cakatha kwethu kweliya cala kukuthatha umthendeleko, isidlo sangokuhlwa seNkosi.

⁵⁹ Masithobise iintloko zethu ngoku ngelixesha sisikelela lewayini. Bawo wethu waseZulwini, xa ndicinga, ndibambe le wayini apha emele iGazi likaYesu, ukuba nje ngokuphalala kwelaa Gazi, izono zam azisekho. Zifakwe kulwandle lokulibala, azisayikukhunjulwa. Ngegazi laKhe, inkwenkwe eyayisifa ngenye imini ilele phaya esibhedlele, Wayisindisa. Owu Thixo, indlela endikubulela ngayo, Nkosi. Ndinike ke ukuhlaziywa, ngomoya Oyingcwele ukuze ndibakhokelele eKalvari abantu ndibabonise indlela eya eKhaya. Enkosi, Bawo. Ngoku ke ngcwalisa lewayini noko ijoliswe ekukwenzeni. Wangamkela umntu othatha kule ‘sakramente’ ngokuhlwanje, angamkela amandla emoyeni nasenyameni ohambo olungaphambili. Ngokuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

⁶⁰ [IBanda linikela umthendeleko. Yindawo engenanto ekhasethini le—Mhl.] Ukuma apha ndijonge iintsapho zisiza, yindlela ekuyakuba yiyo le ngolunye lwezintsuku, usapho nosapho, umgca nomgca, iqela neqela, nganye nganye. Sakuhlangana naYe, eloo xesha, xa obu bomi bobuntu obebulapha emhlabeni. Abo bakholiweyo kuYe baMthenba, bayakuhlangana apho ngaloo mini. Akuyi kumangalisa?

⁶¹ Kwakufuneka sikuqakathe ukuhlanjwa kweenyawo ngokuhlwanje ngenxa yamanzi. Asinazixhobo zaneleyo ngoku, kodwa zizakulungiswa kungekudala, siyathemba. Beza kakuhle kakhulu, basebenza ngokukhawuleza kule intsha iTabanekile [Umnquba—Mguq.]. Ngolunye uhlobo ndicinga ukuba kufaneleke kakhulu ukuba sithathe umthendeleko ngolokuqala nyakeni, ngelixesha lemini.

⁶² Ngoku nina nivela ngaphandle kwale dolophu, niqhube ngenyameko enkulu xa nigoduka ngomso. Wanga uThixo anganani. Nani nina balapha ekhaya, kufutshane. UThixo uyakuba nani anigcine. Ngoku ke, iNkosi ivuma, kufuneka ndihambe ndilungiselele lomhlangano uzayo e-Arizona, ukuze ukuba uThixo uyathanda, ndibuye ndibe nani kwakhona sibuyele *Amatywina Asixhenxe*, kanye njengokuba bendithembisile. Ndiqinisekile kakhulu ukuba imithandazo yenu ndiyiswele. Ndiniswele kakhulu, ngoko ningalibali ukundithandazela. Yanga yonke into ingahamba kakuhle kuni. Ndikubulela ngenene ukuza kwenu nokundiphulaphula, obendikuthetha ngeNdaba eziLungileyo. Ndiyakholwa ukuba kukho inguqu esiyenzayo ngoku. Ndi—ndiyانبulela ngobubele benu.

⁶³ Abanye benu beqhuba iimayile ezininzi ukuza kumamela umntu ophantsi njengam ezama ukuzisa iLizwi likaThixo. Ndiqinisekile yenye into enkulu ebe—ebenizokuyimamela ngaphandle kwam, kuba andinanto ndinokuyizisa. Andifundanga, ndingabalulekanga, akukho nto indim nje. Ngoko xa ndibona abantu beqhuba amakhulukhulu eemayile, beme apha balinde, ngentsimbi yesibini ekuseni, ibingekokuba ndinento ethile endinayo, nguKristu. Ndiyavuya gqitha xa niMthanda. Nam ndiMthanda, okwam. Size siMthande kunye. Nangenxa yokuba siMthanda, akunakuze kufuneke sahlukane. Singahlukana kancinci nje apha, njengokuba lihamba ixesha, kodwa siyakuba kunye kwakhona. Yaba soloko ingumnqweno wam ukuba abantu ndibakhokelele kuloo ndawo.

⁶⁴ Ngoku siqala unyaka omtsha. Andifuni kuthi, “Nyaka Omtsha wolonwabo” kuni, ndifuna ukuthi kuni, “UThixo anisikelele.” Ukuba ke Uyenzile loo nto, yiloo nto yodwa esiyakube siyiswele kulonyaka uzayo. Ndiyathemba futhi Uyakwenza njalo.

⁶⁵ Ngoku ngobabalo lwaKhe, sizakuzama kulonyaka uzayo, ukuba usandigcinile, wanigcina, ndiyathemba ndingumlungiseleli ongcono kulonyaka uzayo kunokuba bendinjalo kulonyaka, ndiyathemba ndakuba sisicaka esingcono sikaKristu. Ndiyakuzama kakhulu ukuzama ukuphila ngokusondeleyo ngakumbi, ndinyaniseke ngakumbi, ukuba ndizise uMyalezo njengoko endinika. Ndiyakuwuzisa kuni ngeyona ndlela ingcono ndinokuyazi. Ndingabi nanto ndiyigodlayo afuna ndininike yona. Ndiyakukwenza konke endikwaziyo ukuba kuthiwanina. Ndiyazi ukuba nani niziva njalo. Ni-niziva ngolohlobo sonke sifuna ukusebenza kunye ngoku, ngokuba izikhanyiso zangokuhlwa ziyayekelela mpela, nelanga selitshona mpela. Umhlaba uyaphola, siyayazi loo nto, xa sithetha ngokomoya, ibandla liya liphola invuselelo iphelile. Asiyazi into ezakulandela, kodwa siyakuthemba uThixo

ngaleyo, nokuba yintonina. Yaye njengokuba sisithi ngamanye amaxesha. . .

⁶⁶ Ndifuna niyikhumbule leTabanekile [uMnquba—Mguq.] apha inoyena mlungiseleli wakha wanguye ehlabathini, uMzalwana u-Orman Neville, indoda yakwaThixo, indoda elungileyo. Yaye xa ndingekho, uMzalwana uNeville uphethe ngokupheleleyo, njengokungathi ndikho buqu. Amathenjwa [ama-trustee], amadikoni, nabanye, mabagcine izikhundla zabo njengokuba besenza kanye. Lendawo ke likomkhulu lethu. Kulapho siya. . . apho sime khona kanye apha. uBilly Paul akazukuphuma nam; okwalo mhlango qha, aze abuye apha kwakhona. Okwezimali nako konke kuqhutyelwa khona apha nako. Ukuphumela phaya nje, akuthethi kuthi ndinishiyile. Ndiya nje, niyaqonda, ngumbono nje. Andazi ukuba uthetha ntonina. Ndiyathemba ndikholwa ukuba kuyakwenza ngcono lonke iBandla. Yaye ndiyazi ukuba kuyakuba ngcono kuthi ukuba sonke silandela ukukhokela kweNkosi. Yiloo ndlela kuphela esazi ngayo ukuba senze njanina. Akululanga kum. Ndikhumbula phambi kokuqala ukuba ndimke apha ebandleni. Abanye kuni makhwahla bayakuyikhumbula loo nto, ukuba ndandingakwazi tu ukukwenza! Ndiyabathanda abantu.

⁶⁷ Ngokuya ndandiseyinkwenkwana ndandingathandwa, kwakungekho mntu wayendikhathalele ndisengumntwana, mna, ndakufumanisa ukuba kukho umntu ondithandayo, nda—ndacinga “Ndifuna ukubafela.” Ngoku ke ngokuba kukho umntu okuthandayo, kukho umntu okhathalayo. Ndandikhwela ngaxesha lithile epalini yaze indawo yam yokugangxa yatyibilika kwisibonda esidala somsedare, iqhina ke laliphezulu kakhulu, ndabetheka ngendawo yam yokubambelela ndajika, ndawa malunga neshumi elinesihlanu leenyawo ezantsi ndabetheka ngengalo. Kwakhala inenekazi, langathi lizibetha *ngoluhlobo*. Ndasoloko ndilithanda eloo nenekazi, lalikhathala. Laba ngumntu okhathalayo. Ndaze ndasoloko ndicinga, “Nabanina ondikhathaleleyo, ndiyamthanda.”

⁶⁸ Apha ezantsi edolophini, ngaxesha lithile elidluleyo, ndandicinga ngeentsuku ezazikade zikho, nezinto uThixo andenzele zona, ndazivuyela ngokuqisekileyo. Ndiyanibulela ngandhando nobudlelane benu. Yaye andinakuze ndizame ukunikhokela ngokungekho ndleleni. Kuyakusoloko iyindlela eyiyo, ngokona kungcono endinokukwazi. Ningazibamba iintetho zam, andizange ndithethe nto ngesiqu sam, yasoloko inguYesu Kristu. Yabona? Yabona? Ndizame ukuhlala kufutshane eLizwini laKhe ngangoko ndikwaziyo ukuhlala, ukunikhokela ndinise kule ndawo.

⁶⁹ Yaye ndininikela ngoku ezandleni zikaMzalwana uNeville, kuqala kwizandla zikaThixo, kuze kube sekukhathaleleni kwezandla zika Mzalwan'uNeville, ukuba aluse ibandla agcine ilifa ndide ndibenokuba nalomhlango, ndibuye ndize kuni

kwakhona. Ndiyathemba ukuba ngeloo xesha ndinokuzisa isityhilelo esikhulu esivela kuThixo, esiyakuzishukumisa zonke iintliziyo sizukise iBandla likaThixo.

⁷⁰ Sidla ngokuwuthatha umthendeleko. Andisafuni kuba sathetha futhi, niyayazi indlela endiziva ngayo. Ndinga ukuba iculo esifanele ukuba silicule khona ngoku, *Lukhangela kuWe ukholo lwam, Mvana yeKalvari*. Sisaphakama silicula masibambane izandla omnye nomnye sthi, “UTHixo akusikelele”

Lukhangela kuWe ukholo lwam,
Msindis'ongcwele;
Ndiva ndithandaza,
Susa ityala lam,
Ndibe ngowaKho!


⁷¹ Ngoku masiziphakamisele kuYe izandla zethu.

Lukhangela kuWe ukholo lwam,
Mvana yeKalvari,
Msindis'ongcwele;
Ndiva ndithandaza,
Susa ityala lam,
Kususela namhla
Ndibe ngowaKho.

⁷² De sibuye sihlangane! Masiculeni *u-De Sibuye Sihlangane* kwakhona. Wonke umntu ngoku angenele.

De sibuye sihlangane! de sibuye sihlangane!
Ezinyaweni zikaYesu;
De sibuye sihlangane! de sibuye sihlangane!
UTHixo abe nani de sihlangane.

De sibuye sihlangane! de sibuye sihlangane!
Ezinyaweni zikaYesu; (de sibuye sihlangane)
De sibuye sihlangane! de sibuye sihlangane!
UTHixo abe nani de sihlangane!

⁷³ Masithobise iintloko zethu ngoku. Mzalwan'uNeville, ungasindululi ngomthandazo nje. UThixo anisikelele. 

IMBAMBANO XHO62-1231
(The Contest)

LoMyalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngeMvulo, kuDisemba 31, 1962, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©1992 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org